

Kudalala dala kwaye kukho iibhokhwe ezintathu. Kwakukho ibhokhwe enku lu engutata, ibhokhwe encinane elitakane kunye nebhokhwe ephakathi engumama. Zazihlala phezulu endulini. Ezi bhokhwe zintathu zazikuthanda ukutya ingca, kodwa endulini a pho zazihlala khona, yayincinci ingca. Ingca yayimfutshane kwaye yayimdaka ngebala.

Ngenye imini, eyona bhokhwe incinane yajonga endulini ekwelinye icala. Le nduli yayigutyungelwe yingca ende, eluhlaza. Yathi, "Jonga, ingca kwela cala inde kwaye iluhlaza. Ukuba siyakhona, soze siphinde silambe. Masiyen!"

Ukuze zifike kwinduli ekwelinye icala, kwakufuneka ziwele ibhulorho. Kodwa kwabakhona ingxaki. Kwakukho urheme wayehlala phantsi kwebhulorho, ekuthiwa lizim. Eli zim likhulu lingalunganga lalifuna ukutya iibhokhwe.

Ibhokhwana encinane yahamba kuqala, yaqakatha, yaqakatha ebhulorhweni. Izim, ngelizwi elikhulu elirhabaxa, lathi, "Ngubani lowo uthi qakatha-qakatha ebhulorhweni yam?" Ibhokhwana encinane yathi, "Ndim, ibhokhwana encinane." Izim lathi, "Ndiza kukutya." Ibhokhwana encinane yathi, "Ungandityi, ndisemncinane kakhulu. Linda le izayo ibhokhwe – yona inkudlwana." Ngoko ke izim elidala eligezayo lathi, "Hamba, ndiza kulinda ibhokhwe ezayo."

Kwalandela ibhokhwe ephakathi, yaqakatha, yaqakatha ebhulorhweni. Izim elikhulu elingalunganga lathi, "Ngubani lowo uthi qakatha-qakatha ebhulorhweni yam?" Ibhokhwe ephakathi yathi, "Ndim, ibhokhwe ephakathi." Izim lathi, "Ndiza kukutya." "Ungandityi," yatsho ibhokhwe ephakathi, "Linda ibhokhwe enku lu, iyalandela." "Humff" latsho izim elikhulu elingalunganga, "Hamba, ndiza kulinda elandelayo."

Yeza ibhokhwe enku lu engutata, YAQAKATHA, YAQAKATHA ebhulorhweni. Izim elikhulu elingalunganga lathi, "Ngubani lowo uthi qakatha-qakatha ebhulorhweni yam?" Ibhokhwe enku lu engutata yatsho ngelizwi layo elikhulu yathi, "Ndim, IBHOKHWE ENKULU." "Ndiza kukutya!" latsho izim elikhulu elingalunganga.

"Yiza ke!" yatsho nayo ibhokhwe enku lu engutata. Awunakunditya, akuncedi ukuba uzame. limpondo zam ezinkulu ziya kukugovoza zikulahle kude!"

"Awunakunditya, akuncedi ukuba uzame."
"limpondo zam ezinkulu ziya kukugovoza
zikulahle kude!"

Ibhokhwe enku lu yaligovoza yalijula phezulu emoyeni izim labuya laya kuwela emanzini – DYUMPU! Yaba kukuphela ke kwezim elikhulu elingalunganga. libhokhwe ezintathu zatya ingca ende eluhlaza zatyeba zangaka. Zahlala kunye zonwabile.

Liphela njalo ke ibali lethu.

Ibali leebhokhwe ezintathu lakiwe ngokufanayo nebali likaNwelezelanga, linophindaphindo. Nabantwana abaqalayo ngqa ukuliva eli bali baza kukhawuleza balibambe. Bakhuthaze ukuba bawabize kunye nawe amagama okanye bawabize emva kwakho. Bancine abantwana ngokubabuza, "Izim elikhulu elingalunganga lithe... I itheni izim? – ewe! Ngubani oqakatha ebhulorhweni yam?" Bakhuthaze abantwana ukuba basebenzise ilizwi eloyikekayo.

